# Induli ka Xakeka !--
# Enyukwa ngu Ntu !!

## Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.

Bona ke ! Namhlanje ndifun'uqondile
Mfondini wakuti nantso intlekele
Make azibuze wozu undinqginele
Make kaloku nje sitwax' ukuteta

Nduli ayinyukeki ! Iyatshitiza
Andizikukwekwa ndirola umxelo
Yiyipi okwangoku ebhadlileyo
Into eseyimile kwezabantsundu

Nantso ke ne African National Congress
Esasiyibonga kwapuke nembambo.
Sebehamba ke beyibuza kwakuti
Besiti kanene kodwa yatshonapi

Akunakupikwa ndilusizi ukutsho,
Ziko inyaniso kulo mbuzo wabo
Mna ke ngokwam andikunqweneli
'Kutyafisa imigudu eseyenziwe

Kodwa eyona tyefu endiyibonayo
Ityafiswa kukutanda amawonga
Azinasidima into somntu ontsundu
Zipetwe ngabantu abanamakwele

Lenduli—ka Xakeka ixake cwaka
Kudala mu siyinyuka siba manzi
Ayinyukeki konke kumntu ontsundu
Imbhinqisa kupela ngelitye lembola

Ngu mona uba libhaxa kulenduli
Yimali iba libhaxa kulonduli
Ngoko ke sixakiwe kukuyinyuka
Pikisa ezondawo ke ngwevu yakuti

Umanyano lulibhaxa kule nduli
Sesaxakwa nokulutsholozela
Luzinkomo zetafa zimka nenkungu
Mahlungulu amnyama nendlela zawo. Tina ke!

Induli—ka Xakeka enyukwa ngu Ntu
Safela ezantsi madoda nganitsho
Yiyipi eyonanto nimise yona
Kumalinga ezinto esewenziwe

Ukungavelani—Nokungaxabisi
Amaqaba kulibhaxa kule nduli
Siyifuna qo kodwa imali yawo
Nobila nisoma aninakuyinyuka

Umanyano nje lwenene lungamandla
Yintoni emandla angangomanyano
Kunini kodwa sigaula siteta
Sesingati satwasela ezingeni

Ixakile lenduli ukuyinyuka
Ipahlwe zizingwe kwanezingonyama
Yendele ! Yazika ! Ihlahlwe liqina
Eliyile mali imbhela 'mawetu

Yiyipi eyona de namisa yona
Kwezi ziman' ukuwa zibhukuqeka
Yintoni ukungatı ningamaqeya
Atı ukulala aquluselane

Inzima le nduli iayukwa ngu Ntu
Inzima yapantse yoyisa no Mkrestu
Waxap' amagwebu wasibhongobhiya
Wati nzwi nendlebe enyuka Lenduli

Nangoku kunjalo nakuti Bantsundu
Singabo nxazonke intw'engenacala
Sibambene ngento esingayaziyo
Kaloku ezetu zityiwa zirwada

Yiyipi okwangoku ebhadlileyo
Into eseyimile kwezabantsundu
Ninan' ukwenjenje nibantu bangaka
Nashiya Isizwe ? Sambete izandla

Ngumlungu na ? Ote masingamanyani
Sixwitane sodwa sibang' amawonga
Ndingatini betu pikis'ezo ndawo
Ngumlunguna ? Ote masitye zimali

Maluf'olufayo sidinwe kuncwela
Ngapandle kokuba konke nimanyane
Anisokuze hai nimkwele umlungu
Xaningenayo nje nentsimbi yomqala

Induli—ka Xakeka enyukwa ngu Ntu
Nobila negazi aninakuyinyuka
Anitandi Sizwe nitand' izisulu
Nangoku kunjalo pikis' ezo ndawo

Salahl' amasiko akuko nto i'nto
Zandile nengqola kule nzala
Senditshilo kuni ukuti Lenduli
Sopala sisopa asinakuy'nyuka. Siyavuma !